



Isalathiso: 20210125-624  
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/2/2  
Imibuzo: R Leukes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-GET: DCG 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, ezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezezikolo ezizimeleyo ezineBakala R

### Isihloko: Ubhaliso kwamabanga emfundo katitshala/epraktishina yeBanga R kwi-CEMIS

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED) lizimisele ekuqinisekiseni ukuba yonke idatha ithembekile yaye isemthethweni.
2. Inqununu yesikolo inomsebenzi oluxanduva lokuqinisekisa ukuba kufakwa idatha echanekileyo kwi-CEMIS. Amabanga emfundo katitshala/epraktishina yeBakala R ayahluka yaye kungokunje ziyi-36 ii-entri ezinokwenziwa kwisistim. Oku kubangela ingxaki eyingozi ekuchanekeni kokufakwa kwamabanga emfundo ngokuchanekileyo.
3. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukunciphisa imingcipheko eyingxaki nokwenzela ukuba kubekho inkcazo echanekileyo yamabanga emfundo ootitshala/eepraktishina zeBakala R angawona aphezulu kwisistim. **IsiHlomelo A** sisikhokelo i-South African Qualifications Authority (SAQA) National Qualifications Framework (NQF), esibangela ukuba umfaki-datha anike inkcazo ngamabanga emfundo ootitshala/eepraktishina zeBakala R.
4. ISebe iWCED linika ingxelo ngamabanga emfundo abo bonke ootitshala/iipraktishina zeBakala R kuMphicothi-zincwadi Jikelele kwakunye nakwiSebe leMfundo esiSiseko. Ukuchaneka kwengcaciso ke ngoko kubaluleke gqitha yaye ukunika ingxelo engachanekanga kunokuthathwa njengobuqhophololo. **IsiHlomelo B** sichaza inqanaba lebanga lemfundo ngokwe-SAQA NQF.

5. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abachaphazelekayo kwimfundo yeBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kwizikolo ezizimeleyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwizikolo ezizimeleyo ze-*Early Childhood Development*.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS

**USEKELA-MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2021-03-09